# Singcamla incasa yaseVenda



NguMpho Witness Makwarela

Lusuku olukhethekileyo lwezidlo zaseVenda eklasini yethu namhlanje.

Uninzi lwabantwana luze nokutya olukuthandayo ukuze lwabelane.



Kuqala uLufuno asabele idelele aze uItani asabele *itshidzimba* aze nayo.

UNgcali utya aqwele yonke into kwizitya zombini.

Thiza, usixabisile isisu sakhe kanene!



Kulandela uMurwane yena usabele ithophi aze uMulona asebele i*bhovhola* aze nayo. Sonke singcamle abanye bamunca iminwe.

“Mhhhh, ayimnandi ngako,” batsho bonke.

Kwakhona uNgcali utya aqwele akwasala nto.



Kwaza uMaluta noUnarine nabo banqika ezabo izitya.

Yhu! Amaqonya neentubi.

“Hayi, hayi soze, azizukusilungela ke ezi!” Batsho abanye abantwana abanye bazama ukungcamla.

“Noko azimbanga,” batsho ngembeko.

Kwakhona, uNgcali utya awaqwele amaqonya.



Kwalandela uDakalo noNdalama, bavula ezabo izitya.

Okunye ukutya okoyikekayo!

Baze neentethe ezigcadiweyo nolunye uhlobo lwamaqonya olubizwa ngokuba yiMopani.

"Hayi, hayi soze, azizukusilungela kwaphela ke ezi!" Lwatsho uninzi lwabantwana.

Abambalwana banesibindi bangcamla.

Nangoku uNgcali utya aqwele akashiyi nanye intethe naqonya eli.



Abantwana eklasini bakonwabela ukungcamla ukutya kwaseVenda.

Bonke abantwana bahluthi koku kutya kuninzi. Bonke ngaphandle koNgcali.

Uphakamisa isandla abuze. "Alikafiki ixesha lekhefu tishalakazi, isisu sisemqolo!"

Gqzu bonke abantwana kwabe sele kukhala nentsimbi.

